# Intshayelelo

Izicwangciso zentlalo nabasebenzi zezinye zeendlela nje zepalamente yethu zokuzama ukujongana nembali ende yaseMzantsi Afrika yokungalingani kwicandelo lemigodi. UMthetho wamaCebo oPhuhliso lweziMbiwa nePetroleum (Mineral and Petroleum Resources Development Act) (okanye i-MPRDA) uthi amacebo ezimbiwa zelizwe ngamafa aqhelekileyo abo bonke abaphila apha. Umsebenzi wombuso kukongamela indlela la macebo asetyenziswa ngayo nokuqinisekisa ukuba oku kuyinzuzo kubo bonke abantu. Oku kuthetha ukuba kusegunyeni lombuso, ngokukodwa iSebe lamaCebo eziMbiwa, ukulawula amalungelo okumbiwa kwemigodi.

NgokoMthetho we-MPRDA, ukuba kukho umgodi kufuphi nomzi wenu, ngako oko kufuneka wenze umnikelo kuphuhliso lomzi. Nasiphi isicelo sokumba umgodi kufuneka siquke isicwangciso sentlalo nabasebenzi (okanye i-SLP) ukuchaza ukuba isicwangciso somgodi siya kuba luncedo njani kwimizi. Injongo ye-SLP kukukhuthaza ingqesho, ukuphucula intlalo nentlalontle yoqoqosho, ukunikela kutshintsho lweshishini lemigodi nokuqinisekisa ukuba iinkampani zemigodi zinikela kuphuhliso lwemimandla ezisebenza kuyo.

Nangona kukho imithetho engqingqwa esebenzayo, inyaniso yeyokuba inkqubo ye-SLP seyingene entsebenzweni ithuba leminyaka engaphezulu kweli-12 kodwa uninzi lwemizi echatshazelwa yimigodi isephantsi kwentlupheko egqithisileyo. Oku ngokwenxenye kungenxa yokuba ii-SLP zidla ngokuyilwa ngaphandle kokubonisana nabantu abafanele ukungcamla kuzo, ngako oko kunokwenzeka zingabinakho ukusabela kwimicel'mingeni abantu abadibana nayo kwimizi. Kananjalo ngokwenxenye kungenxa yokuba asiyiyo yonke into ethenjiswa yi-SLP enakho ukunikelwa, yaye iSebe lamaCebo eziMbiwa alilandeli ngamaxesha onke ukuhlola ukuba ezi zithembiso ziyafezekiswa. Oku kuthetha ukuba imizi echaphazelekayo nabasebenzi bemigodi bahlala bekwimeko yezentlalo neyoqoqosho engalunganga. Sifuna intshukumo engxamisekileyo yendlela eziyilwa ngayo ii-SLP nezifakwa ngayo entsebenzweni ukufikelela ubulungisa bezentlalo.

Injongo yesi siXhobo sokuSebenza (i-Toolkit) kukubonelela abasebenzi bemigodi nemizi echatshazelwa yimigodi ngolwazi abaludingayo ukuqonda inkqubo yentlalo nabasebenzi, ukuhlahlela i-SLP ngokuhlaba amadlala, nokuthatha inxaxheba ngokubeka iso nokuba umgodi uthobela izibophelelo zawo. IsiXhobo sokuSebenza singanceda ekucwangciseni indlela yokubophelela iinkampani zemigodi norhulumente ukudlala indima ebonakalayo ekuqinisekiseni ukuba iinkampani zenza into efunwa ngumthetho ngokweemfanelo zee-SLP zazo. IsiXhobo sokuSebenza sahlulwe ukuba zizahlulo ezintathu. Isahlulo 1 sijongene nokuthi kufakelwe ntoni kuyilo lwe-SLP. Isahlulo 2 sichaza ukuba kuqukwe bani kwinkqubo ye-SLP nendlela ongabandakanyeka ngayo. Isahlulo 3 sibonelela ngesikhokhelo sendlela yokufikelela kwi-SLP, indlela yokuyihlalutya nendlela yokusebenzisa olu lwazi ukulandela umkhondo wokubona nokuba umgodi uthobela izibophelelo zawo. Idayagram ekwiphepha elilandelayo ibonisa imigangatho ehlukileyo yomsebenzi womgodi nokuthi inxulumana njani nenkqubo yesicwangciso sentlalo nabasebenzi.

## 1 UMGODI UYAFIKA

Xa inkampani yokumba umgodi ifuna ukumba umgodi, kufuneka:

- Yenze isicelo kwiSebe lamaCebo eziMbiwa malunga nelungelo lokumba kunye neenkcukacha eziphathelele kwifuthe lomgodi kokusingqongileyo
- Iyile yaye iquke kwisicelo sayo isicwangciso sentlalo nabasebenzi esicacisa indlela umgodi uya kuba luncedo ngayo kwimizi ngomsebenzi wokumba
- Icebisane nemizi malunga nesicelo sayo

## 2 UMGODI UYASEBENZA

Lakuba iSebe lisivumile isicelo, umgodi ungaqalisa imisebenzi yawo. Amaxwebhu athunyelweyo kwisicelo ayabophelela ngokusemthethweni. Inkampani yokumba kufuneka ngoku:

- Izalisekise izithembiso ezenziweyo kwisicwangciso sentlalo nabasebenzi
- Ithumele iingxelo zaminyaka le zenkqubela yayo ekuphumezeni ezi zibophelelo
- Ithumele isicwangciso sentlalo nabasebenzi esitsha njalo kwiminyaka emihlanu

## 3 UMGODI UYAVALA OKANYE UYANCIPHISA

Xa umgodi uvala okanye unciphisa umsebenzi, oku ayikuko ukuphela kwamaxanduva omgodi kubasebenzi bawo okanye kwimizi ekufuphi. Ngeli lixa, inkampani yokumba kufuneka:

- Izalisekise zonke izibophelelo zayo ze-SLP, idale uqoqosho oluqhubekayo kumzi nokubonelela ngezakhono kubasebenzi bayo
- Iqalise ukuhlaziya umhlaba apho ukumba bekusenzeka khona ukuze ukwazi ukusetyenziselwa ulimo

# Isahlulo 1

## SIYINTONI ISICWANGCISO SENTLALO NABASEBENZI?

Isicwangciso sentlalo nabasebenzi luxwebhu elo iinkampani zemigodi kufuneka ziluthumele kwiSebe lamaCebo eziMbiwa njengenxalenye yezicelo zazo zamalungelo okumba. Ngokwesiseko yingqokelelo yezithembiso ezenziwa ngumgodi eziba zizibophelelo ezisemthethweni sakuba samkelwe isicelo lisebe le-DMR. I-SLP imisela ngokubini into eya kwenziwa yinkampani kwimizi nabasebenzi kwakunye nendlela nexesha inkampani iya kwenza oku.

Ukwenza umzekelo, inkampani ingazinikela ngokubonelela ngeziko lenkonzo yomzi. I-SLP iya kunika iinkcukacha zalapho inkampani izimisele ukwakha iziko, iinkonzo eziya kufumaneka kwiziko, ubungakanani bemali eya kubekwa bucala yinkampani malunga nokwakha, ixesha elo zicwangcise ukuqalisa ukwakha iziko nexesha zizimisele ukuligqiba ngalo.

Ngokufunda ii-SLP zazo, ungafumana ukuqonda okungcono ngento inkampani ezibophelele ngayo emthethweni. Ngako oko unendima ebalulekileyo ekufuneka uyenze ngenxa yokuba, njengelungu lomzi, ungaxela nokuba iziko lomzi liyakhiwa okanye hayi. Ngaphandle kokuba iluluhlu lwezicwangciso, i-SLP kananjalo yimvumelano phakathi kwenkampani noluntu. Ukuba inkampani ayigcini izithemibiso zayo, umzi ungasondela kwisebe le-DMR ngesikhalazo. Ngokuphathelele kulwazi olongezelelweyo malunga nendlela yokubeka iso ukuthotyelwa kwee-SLP, jonga kwiSahlulo 3.

## YINTONI EKUFUNEKA IQUKWE KWISICWANGCISO SENTLALO NABASEBENZI?

Imimiselo ye-MPRDA imisela ngokukhethekileyo ukuba i-SLP kufuneka iquke amacandelo aliqela. La macandelo achaziwe ngezantsi.

### ① INKQUBO YENGINGQI YOPHUHLISO LOQOQOSHO

Icandelo lengingqi lophuhliso loqoqosho lee-SLP liyilwe ukuqinisekisa ukuba ukumba umgodi kunikela ngophuhliso lwemizi kwiindawo apho ukumba umgodi kwenzeka khona, kwakunye neendawo apho abembi-migodi bagaywa khona. Kweli candelo le-SLP, uya kufumana elona nani liphezulu leenkqubo ezikhoyo zokunceda uluntu ngokubanzi. Ezimbini zezona nkqubo zibaluleke kakhulu zibandakanya uphuhliso lwezibonelelo zokusebenza nokutshabalalisa ubuhlwempu.

Amalinge okutshabalalisa ubuhlwempu okanye ukudala ingeniso abhekisa kwinkxaso yeenkampani zemigodi ngenjongo yokunikela ngamashishini kuluntu. Oku kungaquka ubonelelo ngengxowa-mali, inkxaso yezobuchwepheshe

noqeqesho. Zonke iinkqubo zezibonelelo zokusebenza nezokutshabalalisa ubuhlwempu kufuneka zilungelelaniswe nesiCwangciso sokuDibanisa uPhuhliso (Integrated Development Plan) esikhoyo kwinkqubo ajolise kuyo umasipala. Imimiselo ye-MPRDA imisela ukuba oku kufuneka kuquke:

| | |
|---|---|
| a) | Iimeko zentlalo noqoqosho kummandla apho umgodi usebenza khona nemizi apho abembi-migodi bagaywa khona |
| b) | Imisebenzi engundoqo yoqoqosho apho umgodi usebenza khona nemizi apho abasebenzi begaywa khona (efana nolimo, ukhenketho okanye inkqubo yolungiso lokutya) |
| c) | Impembelelo leyo umgodi unokuba nayo kwimizi ekufuphi nomgodi nemizi apho abasebenzi begaywa khona (ukwenza umzekelo, ithuba lokuba abantu bafune ukumisa kwenye indawo, inani labantu abanokufika kummandla) |
| d) | Amalinge ezibonelelo zokusebenza nokutshabalalisa ubuhlwempu axhaswa ngumgodi ngokuhambelana nesiCwangciso sokuDibanisa uPhuhliso (Integrated Development Plan) lwemimandla apho umgodi usebenza khona nemizi apho abasebenzi begaywa khona |
| e) | Amanyathelo okujongana nobonelelo ngezindlu neemeko zokuhlala zabembi-migodi |
| f) | Amanyathelo okujongana nesondlo sabembi-migodi |
| g) | Isicwangciso somgodi sokuqinisekisa ukuba wanelisa iinjongo zePhepha laMalungelo leMigodi (Mining Charter) malunga nokufumana iimpahla neenkonzo kwiinkampani ezo ngokwembali yoMzantsi Afrika bezingalungi. Oku kufuneka kuquke iitekeni zokufumana iimpahla, iinkonzo nezinto eziphelayo ukuvela kwezi nkampani namagama neenkcukacha zezi nkampani |

## ② INKQUBO YOPHUHLISO LWAMACEBO OLUNTU

Inkqubo yophuhliso lwamacebo oluntu kufuneka icacise ukuba izimisele ukwenza njani ukuphuhlisa izakhono zabasebenzi yaye kananjalo namalungu omzi. Oku kufuneka kuquke ngokubini izakhono eziphathelele kukombiwa kwemigodi kwakunye nezakhono ezinokusetyenziswa kwamanye amacandelo (ezi zaziwa njengezakhono eziphathwayo). Iintlobo zamalinge anokufunyanwa kweli candelo aquka imfundo nengqeqesho yesiseko yabadala, uqeqesho lobugcisa, amathuba okufundela umsebenzi, iinkxaso-mali zokufunda nezinye iinkuthalo zoqeqesho ukwenzela abantu kumzi. Imimiselo ye-MPRDA imisela ukuba oku kufuneka kuquke:

| | |
|---|---|
| a) | Isicwangciso sophuhliso lwezakhono zabo bonke abasebenzi. Esi sicwangciso kufuneka simisele inani labasebenzi kwakunye nomphakamo wezakhono zabo. Kananjalo kufuneka sibonelele 'ngokuzalisa izithuba ekunzima ukuzizalisa' ekuzizithuba ezo inkampani ingakwazanga ukuzizalisa kwithuba leenyanga ezili-12 |
| b) | Isicwangciso sokuqhubeka kwenkonzo apho isicwangciso siqinisekisa abasebenzi ukuba banokwazi ukuqhubeka ukuya kwizikhundla eziphezulu |
| c) | Isicwangciso sobucebisi apho abasebenzi bedityaniswa ngambini nabacebisi ukuqinisekisa ukuba bangacwangcisela inkqubela yeenkonzo zabo |
| d) | Iinkcukacha-manani zobulungisa zomgodi zengqesho, kwakunye nesicwangciso somgodi sokuqinisekisa ukuba i-10% yabantu abathatha inxaxheba ekumbiweni kwemigodi ngabasetyhini, yaye ama-40% ezikhundla zolawulo ziphethwe ngabo bebefudula behlelelekile ngokwembali yabemi boMzantsi Afrika kwithuba leminyaka emi-5 ukusuka xa ilungelo lokumba umgodi linikelwa |

## 3 UKULAWULA UKUNCIPHISA NOKUDENDA

Imimiselo ye-MPRDA imisela ukuba eli candelo kufuneka liquke:

| | |
|---|---|
| a) | Izicwangciso zokulondoloza imisebenzi nokuphepha iilahleko zemisebenzi nokwehla kwengqesho |
| b) | Izicwangciso nokunikela ngezinye izisombululo neenkqubo zokudala ukhuseleko lomsebenzi apho iilahleko zemisebenzi zingenakho ukuphetshwa |
| c) | Izicwangciso zokunciphisa ifuthe lentlalo noqoqosho kubantu, imimandla namaqoqosho engingqi apho ukudenda nokuvala umgodi kuqinisekile |

## 4 UBONELELO LWEZEMALI

Kufuneka i-SLP ichaze izixamali ezenzelwe uhlahlo-lwabiwo lwemali malunga namacandelo alandelayo:

| | |
|---|---|
| a) | Inkqubo yophuhliso lwamacebo oluntu |
| b) | Inkqubo yophuhliso loqoqosho lwengingqi |
| c) | Inkqubo yokulawula unciphiso nokudenda |

# Isahlulo 2

## UNGABANDAKANYEKA NJANI?

Isakhelo somthetho asicacisi ngokucacileyo ukuba abasebenzi nemizi ingabandakanyeka nini yaye nini kuyilo nophumezo lwesicwangciso sentlalo nabasebenzi. Esi sesinye sezizathu zokuba kutheni abasebenzi nemizi echatshazelwa ngumgodi bedla ngokubekelwa bucala ekuthatheni inxaxheba kwinkqubo ye-SLP. Kodwa, ungabandakanyeka ngokukhutheleyo kwinkqubo kwiindawo zenani elihlukileyo.

I-SLP inomjikelo wobomi weminyaka emihlanu, emva koko inkampani yomgodi kufuneka inikele ngesitsha. Indawo yokuqala kule nkqubo yeminyaka emihlanu xa unakho ukubandakanyeka kukwisigaba sokuqala phambi kokuba kuthunyelwe isicelo selungelo lokumba umgodi sithunyelwe kwisebe le-DMR. Kwesi sigaba, inkampani yomgodi isekwinkqubo yokuyila i-SLP yaye kufuneka ibonisane nemizi malunga nesicelo sabo.

Indawo yesibini apho ungathatha inxaxheba kusemva kokuba ilungelo linikelwe. Usenokucela ufikelelo kwi-SLP ukuze ubeke iso nokuba inkampani yomgodi ithobela izithembiso zayo. Okokugqibela, ungasebenzisa kananjalo ulwazi lwakho lwe-SLP nolwazi malunga nerekhodi yokuthobela kwenkampani yomgodi xa kuyilwa i-SLP entsha. Oku kwenzeka ekupheleni kwexesha leminyaka emihlanu, okanye xa inkampani yomgodi isenza isicelo kwi-DMR ukulungisa i-SLP yayo yangoku.

## YINTONI INKQUBO YOLUNTU YOKUTHATHA INXAXHEBA?

Izikhokelo ze-SLP zithi iinkampani zemigodi kufuneka zicebisane noluntu phambi kokugqiba ii-SLP zazo. Kodwa, izikhokelo azinalo ilungelo lomthetho elifanayo njengoko i-MPRDA nemiMiselo ingathethi nto ngalo mba. Ngenxa yesi sizathu, iinkampani zomgodi azilandeli ngamaxa onke izikhokelo yaye azicebisani ngqo nemizi ngee-SLP zazo.

Nangona kunjalo, xa iinkampani zisenza isicelo selungelo lokumba umgodi, kufuneka ngokwe-MPRDA zicebisane nemizi echaphazelekayo malunga nesicelo sisonke (nangona ukucebisana ngee-SLP kungaxelwanga ngokukhethekileyo). Ngethuba lenkqubo yokuthatha inxaxheba koluntu malunga nelungelo lokumba umgodi, imizi ingacela amathuba ahlukileyo okucebisana malunga ne-SLP. Oku kucebisana okwahlukileyo kubalulekile ngenxa yokuba i-SLP luxwebhu olumbaxa yaye nemizi inokuba nenani lemiba yokuyiphakamisa malunga nelinge elibhalisiweyo.

## KUTHENI KUFUNEKA UMZI UZE KWIMBONISWANO?

Ii-SLP zigcina ulwazi malunga neenkqubo zezicwangciso umgodi ofuna ukuziphumeza ukuba luncedo kwimizi kummandla osebenza kuwo. Ezi nkqubo zingaquka izicwangciso zokwandisa izibonelelo zokusebenza ngengingqi, inkxaso yamashishini engingqi okanye uqeqesho lwamalungu omzi. Ukuba ezi zicwangciso ziyilwe kakuhle yaye zaphunyezwa, zingabumba uphuhliso kwimizi yengingqi. Imisebenzi yohlahlo-lwabiwo-mali lwe-SLP iyahluka ngokobukhulu bomsebenzi womgodi, ngako oko ii-SLP zemigodi emikhulu zibaluleke kakhulu kumzi. Ukuba ungabanefuthe kwinto eqhubekayo kwezi SLP, unganakho ukufumana iinzuzo zokwenene ozifunayo kumgodi. Malunga noludwe lwemibuzo ecetyiswa ukubuzwa kwezi mboniswano, jonga kwisiHlomelo A ekupheleni kweSixhobo sokuSebenza.

Qaphela ukuba iinkampani zemigodi aziphulaphuli ngamaxa onke kumazwi emizi yaye nomthetho awufuni ukuba imizi yamkele uyilo lwee-SLP. Kodwa ke, ukuthatha inxaxheba kwinkqubo ye-SLP kungomeleza indawo yomzi xa uthethana nenkampani yomgodi kwixesha elizayo. Ezi seshoni zinika ithuba lokufumana ulwazi olongezelelweyo malunga nokusebenza komgodi. Kananjalo ungafumana uluvo lokuba inkampani iyibona njani imizi, yaye ungaba nethuba lokuqukwa kwiimboniswano zexesha elizayo. Ukuba nangeliphi ithuba unqwenela ukuzisa umcel'mngeni wezomthetho ngokuchasene nenkampani, ukuza kwakho kwezi ntlanganiso kuya kubonisa uthathe elinye nelinye ithuba ukuthethana nabo.

## NGUBANI OKUFUNEKA ABANDAKANYEKE KWINKQUBO?

### 1 ISEBE LAMACEBO EZIMBIWA

I-DMR lisebe lesizwe likarhulumente ekulindelwe ukuba lisebenzise yaye linyanzelise imithetho enjongene nemigodi, kuquka ukudlala indima ebalulekileyo yokongamela inkqubo ye-SLP. Xa inkampani isenza isicelo sokumba umgodi, i-DMR kufuneka ithathe isigqibo nokuba isicelo kufuneka samkelwe ngokusekelwe kwinani lamaxwebhu naquka i-SLP. Umphathi wommandla wendawo apho inkampani ifuna ukumba umgodi uhlola esi sicelo yaye avavanye i-SLP yabo. Kufuneka ngako bazise inkampani ukuba bayayamkela i-SLP yaye ukuba abayamkeli bachaze iinguqu ekufuneka zenziwe yinkampani kwisicelo sabo. Umphathi wommandla kufuneka athumele i-SLP kuMphathiswa wamaCebo eziMbiwa, oya kunika inkampani isigqibo sakhe sokugqibela malunga nesicelo sokumba umgodi. Kufuneka kananjalo i-DMR ibone ukuthi uluntu linakho ukuthatha inxaxheba kwinkqubo yesicelo sokumba umgodi. Xeshikweni umthetho ungakutsho ngqo oku, kufuneka imizi imenywe ukuthatha inxaxheba kwinkqubo ye-SLP.

I-DMR kananjalo inoxanduva lokubeka iso nokuba iinkampani zemigodi zithobela i-MPRDA nokuphumeza izithembiso ezenziwe kwii-SLP zazo. ISebe lihlola isiCwangciso soNyaka sokuPhumeza i-SLP kwakunye neengxelo zazo zonyaka nokuthi zithobela njani izibophelelo zazo. I-DMR kananjalo inakho ukuqhuba iimvavanyo kwisiza ukuhlola umgodi yaye ukuba lifumana ukuba

umgodi awuthobeli i-SLP yawo, i-DMR ingasebenzisa amandla alo okunyanzelisa. ISebe linenani lezinto zokhetho, ukusuka ekunikeleni ngesaziso kwiinkampani nokuya ekuxhomeni okanye ekucimeni amalungelo okumba umgodi, nangona oku kungaxhaphakanga. I-DMR idinga ukwahlulelana nabanye, ngokusebenzisa amaqonga exesha elizayo neminye imibutho emiselwe ukuqinisekisa ukuba ii-SLP ziyaphunyezwa.

## ② URHULUMENTE WEZEKHAYA

Oomasipala bezekhaya nabesithili banendima ebalulekileyo abafanele ukuyiphumeza kwinkqubo ye-SLP. Umasipala ngamnye unikwe indima yokuyila isicwangciso sophuhliso esidityanelweyo (okanye i-IDP), enenjongo yesisicwangciso esiqukayo nesobuchule malunga nophuhliso lomasipala. Ezi zicwangciso zidwelisa imisebenzi yokuqala kamasipala yaye iinkqubo ezizichazayo kufuneka zibonise iintswelo zemizi eziyikhonzayo. Ngako oko, kubalulekile ukuba imizi ithathe inxaxheba xa ezi zigcwangciso ziphuhliswa. Ukuqinisekisa ukuba oku kuyenzeka, kufuneka oomasipala baseke amaqonga ophuhliso loqoqosho lwasekhaya (okanye ii-LED) apho wonke ubani onomdla enokubakhona ukuza kwabelana ngezimvo nangamacebo. Oomasipala kufuneka bakhuthaze imizi namaqela oluntu ukuthatha inxaxheba kula maqonga, yaye kananjalo kufuneka athethathethane nemigodi ukuze ii-SLP zayo zibenakho ukuthathela ingqalelo izicwangciso zophuhliso ezidityanelweyo namalinge.

Xeshikweni kungekho indima esesikweni yokuba urhulumente wezekhaya adlale indima yokubeka iso kwindlela umgodi uthobela ngayo i-SLP yawo, angancedisa i-DMR kakhulu ngale ndlela. Ngenxa yokuba banolwazi lwezekhaya, oomasipala basethubeni elihle lokuhlola nokuba izithembiso ezenziweyo kwi-SLP ziyagcinwa yaye ngokukhethekileyo ukuba umgodi usebenza kumalinge ophuhliso loqoqosho lwezekhaya.

## ③ IINKAMPANI ZEMIGODI

Iinkampani zemigodi kufunwa ukuba ziyile yaye ziphumeze iinkqubo zokuqinisekisa ukuba ubutyebi bezimbiwa busetyenziselwa uphuhliso lwemizi nabasebenzi. Njengoko sibonile, kufuneka ziyile yaye zithumele i-SLP njengenxalenye yesicelo sokumba umgodi. Kananjalo kufunwa ngokomthetho ukuba zinikele kuzo zonke izithembiso ezizenzileyo kwii-SLP zazo emva kokuba zivunyiwe. Inkampani yomgodi ngako oko kufuneka ibonelele ngeengxelo ngendlela yokunikela ezi zithembiso ngendlela yeengxelo zonyaka nezicwangciso zokuphumeza ezithunyelwe kwiSebe lamaCebo eziMbiwa.

Ukuba inkampani inqwenela ukwenza naziphi iinguqu kwiinkqubo ezidweliswe kwi-SLP yayo, ingenza njalo kuphela ngemvume yoMphathiswa wamaCebo eziMbiwa. Kubalulekile ukuba imizi nabasebenzi babenendima ebalulekileyo kwizigqibo eziphathelele kwezi nguqu ukuqinisekisa ukuba iinkampani zemigodi azisebenzisi le nkqubo ukunciphisa izibophelelo zazo. Umgodi, urhulumente nemizi kufuneka babonisane ngalo lonke ixesha lobomi bomjikelo we-SLP. Kukho isakhelo esikhokhela imigodi ngokubonisana nemizi echaphazelwa kukombiwa komgodi, ezibizwa isiKhokhelo sokuBonisana neMizi (Guideline for Consultation with Communities) kwakunye namaQela anoMdla aChaphazelekayo. Kodwa ke,

oku akuchazi imigodi kufuneka iquke imizi nini okanye njani kwinkqubo ye-SLP ngokukhethekileyo.

Imimandla enobutyebi bezimbiwa iya kusoloko ihlinzeka amalinge amaninzi ahlukeneyo neenkampani. Iimpembelelo zokusingqongileyo, ezentlalo nezoqoqosho zomgodi ziya kuvakala kuwo wonke ummandla yaye ngamanye amaxesha kuya kubanzima ukulandela umkhondo kumgodi omnye okanye ilinge. Ukuba ayikho inzame yokudibanisa ii-SLP zeenkampani, kukho ithuba elongezelelweyo lokuba abantu kweminye imizi ekufuphi nomgodi baya kushiywa ngaphandle kwinkqubo ye-SLP yaye banokungaziboni iinzuzo zee-SLP. Iinkampani zemigodi ezikwindawo efanayo kufuneka zisebenze kunye yaye kufuneka urhulumente aqinisekise ukuba oku kuyenzeka. Sifumanisile phofu ukuba kukho ukhuphiswano oluninzi, ihlebo nokucingela phakathi kwemizi yemigodi emikhulu nakweminye imigodi emitsha, yaye idla ngokungasebenzisani ngempumelelo.

## ④ IMIZI

Kwakunye nabasebenzi bomgodi, abaxhamli abangundoqo benkqubo ye-SLP kulindeleke kube yimizi yabo abahlala apho ukumbiwa kwenzeka khona. Kukho kananjalo eminye imizi ekude nomgodi echatshazelwayo kananjalo ngumgodi ngenxa yokuba uninzi lwabasebenzi bomgodi kufuneka behambile ukusuka kwezi ndawo ukufumana umsebenzi. Le mizi, ikakhulu eMpuma Kapa okanye Kwa-Zulu Natala, kufuneka nayo iqukwe kubaxhamli bee-SLP.

Imizi iyachaphazeleka ziimpembelelo ezimbi zemigodi yaye kufuneka ibuyekezwe ngenxa yoku. Ukufumana ubulungisa kwicandelo lemigodi, kufuneka imizi ifumane iinzuzo ezongezelelweyo kwimigodi kunokufumana imenzakalo. Izicwangciso zentlalo nabasebenzi kunye nezicwangciso zophuhliso oludityanelweyo kufuneka zisekelwe phezu kweentswelo zokwenene ezivakaliswa yimizi. Iinkampani zemigodi norhulumente wezekhaya kufuneka zibandakanye imizi ekwenzeni ezi zicwangciso, yaye kananjalo ekubekeni iso amalinge nokuxoxa nangaziphi iinguqu kwizicwangciso.

Ngelishwa, kwimizi esisebenze kuyo, imigodi noomasipala badla ngokubonisana kuphela neqela elincinci lamalungu omzi. Uninzi lwabantu kumzi abazange babone okanye beve malunga ne-SLP. Kubalulekile ukuba imibutho yemizi yazi ngamalungelo ayo phantsi kwe-MPRDA kwakunye nenkqubo ye-SLP. Apho imizi yahlukeneyo, iinkampani norhulumente kufuneka bathethane nawo onke amacandelo ahlukeneyo omzi.

## ⑤ IZIPHATHAMANDLA ZEMVELI

Iziphathamandla zemveli zidlala indima ebalulekileyo xa ukumba umgodi kusenzeka kumhlaba womzi. Ngala maxesha kungakho impixano phakathi kweziphathamandla zemveli namalungu omzi. Oku kungenxa yokuba kuba sisiqhelo nangakumbi ukuba inkokheli zemveli zigcine amanye amalungu omzi engazi xa kusenziwa uthethathethano lwezivumelwano neenkampani zemigodi ukusebenzisa umhlaba womzi. Imizi ukujikeleza ilizwe ixela ukuba

ezi zivumelwano zixhamlisa ikakhulu iinkokheli zemveli kunomzi ngokubanzi, kwanokususa amalungu omzi kumhlaba. Kananjalo abekhona amaxesha xa imizi ixele ukuba iinzuzo ze-SLP, eziquka iibhazari ezenzelwe injongo yokuxhasa amashishini omzi, zisiya kwinkokheli zemveli neentsapho zazo kunokuya kwabo bazidinga ngokwenene. Oku kudala imeko engazinzanga apho imizi ehlala ngentlupheko ibona ubutyebi buphala kuphela ukuya kwiinkokheli zemveli nenkampani yomgodi.

## 6 IIMANYANO ZABASEBENZI

Iimanyano zimele abembi bemigodi, abayinxalenye yemizi yemigodi yaye kufuneka nabo kananjalo babe ngabaxhamli abangundoqo benkqubo ye-SLP. Iimanyano ezifana ne-National Union of Mine workers (NUM) kunye ne-Association of Mine workers and Construction Union (AMCU) banakho ukuvakalisa iinkxalabo neentswelo zamalungu azo. Nazo kananjalo zidlala indima ebalulekileyo ekuyileni ii-SLP, nasekubekeni iso kwindlela imigodi ithobela ngayo izibophelelo zayo zokuxhamlisa abasebenzi, ukwenza umzekelo, ngophuhliso lwezakhono zabo nolwakhiwo lwezindlu. Abameli bababasebenzi kananjalo bahlala kwiqonga lexesha elizayo eliceba iziphumo zokuvalwa komgodi okanye ukuncitshiswa kwabasebenzi.

## 7 ABANINIKONTRAKI BEMIGODI

Abembi migodi abaninzi abaqeshwanga ngqo yinkampani yomgodi, kodwa baqweshe ziikontraki. Abasebenzi bekontraki kufuneka baxhamle ngokufanayo nabasebenzi abasisigxina njengoko benegalelo kumgodi. Kodwa, ngokuqhelekileyo, abasebenzi bekontraki abadli ngokonwabela iinzuzo zenkqubo ye-SLP.

Umthetho ucacile: iinkampani zomgodi azinakho ukubaleka kwizibophelelo zazo ze-SLP ngokuqesha abasebenzi bekontraki ukwenza umsebenzi. Kodwa ayikho into yokulawula indlela iinkampani zemigodi nabaninikontraki bazo kufuneka basebenze kunye ukuphumeza ii-SLP. Unikelo kwiKhomishini yoPhando yaseMarikana ngumcebisi luthi iinkampani zemigodi ezahlukileyo zahluke kakhulu kwindlela yazo kubaninikontraki. Icandelo lemigodi alinayo indlela ezinzileyo yokufaka abaninikontraki kwinkqubo ye-SLP.

# Isahlulo 3

## SINGAFIKELELA NJANI KWI-SLP?

Ukuba awuyonxalenye yenkqubo ye-SLP kwa ukusuka ekuqaleni, usenakho ukudlala indima ebalulekileyo ekuhlahleleni uxwebhu nokunceda ukuqinisekisa ukuba umgodi uyayithobela. Kuqala, kuya kufuneka ufikelele kwi-SLP. Ngenxa yokuba ii-SLP ngamaxwebhu oluntu yaye injongo kukuxhamlisa imizi nabasebenzi, iinkampani zemigodi neSebe laMancedo eziMbiwa kufuneka licingele ngaphambili ngokubonelela ngee-SLP yaye akufunekanga kubekho imfuneko yokuba uzicele. Inani lemibuthu igaya ukuba ii-SLP zenziwe zifumaneke kuluntu ngokuzenzekela. Nangona kunjalo, ngeli lixa uninzi lwee-SLP azenziwa zifumaneke kwimizi, ngako oko kubalulekile ukuba zifumaneke kwimizi, ngako oko kubalulekile ukuba uyazi indlela ongacela ukufikelela ngayo kuzo. Iikopi zee-SLP zigcinwa ngokubini yi-DMR nenkampani yomgodi ongasondela komnye wazo ukucela ukufikelela.

### 1 ISICELO SOFIKELELO ESIVELA KWI-DMR

ISebe laMacebo eziMbiwa kufuneka libeneerekhodi zazo zonke ii-SLP zeenkampani. Ukuze ubenakho ukufikelela iirekhodi ezivela kwi-DMR, kufuneka ulandele inkqubo emiselwe kumthetho we-Promotion of Access to Information Act (owaziwa njenge-PAIA). Kule meko, kuya kufuneka uzalise ifomu ebizwa i-DMR 131 Request of Access to Records uze unikele le fomu kwi-DMR ePitoli. Ungayifumana ikopi yale fomu ekupheleni kwesiXhobo sokuSebenza kwisiHlomelo B. uya kufumana impendulo evela kubo kwithuba leentsuku ezingama-30 mhlawumbi ekunika ufikelelo okanye elandula ufikelelo kumaxwebhu. Xa unikiwe imvume yofikelelo kumaxwebhu, ungathunyelwa kwiofisi yasekhaya ye-DMR apho ungenza ikopi ye-SLP. Ukuba awunikelwanga ufikelelo, ungenza isibheno sesi sigqibo ngaphakathi kwi-DMR.

### 2 CELA UFIKELELO KWINKAMPANI YEMIGODI

Kumava ethu, kulula ukufikelela ii-SLP ukuvela kwi-DMR, kodwa kananjalo ungasondela kwiinkampani zemigodi ngokwazo. Isicelo kwinkampani singenziwa ngokungekho sikweni, kodwa ezi zicelo zidla ngokungaphumeleli. Kananjalo unalo ukhetho kwakhona usebenzisa umthetho we-Promotion of Access to Information Act nokuzalisa ifomu yesicelo solwazi olugcinwe liqumrhu labucala. Ungafumana ikopi yale fomu yesicelo ekupheleni kwe-Toolkit (isiTshixo sokusebenza) kwisiHlomelo C. Uya kubona ukuba kufunwa ukuba ubonise ukuba uxwebhu olucelayo lufunwa ukusebenzisa okanye ukukhusela amalungelo akho. Kusekhona ingozi ephezulu yokuba isicelo siya kulandulwa. Ngokungafaniyo xa usondela kwi-DMR, awunakuba nakho ukwenza isibheno kwesi sigqibo nenkampani yemigodi yaye endaweni yoko kuya kufuneka uye enkundleni.

## UNGANCEDA NJANI UKUQINISEKISA UKUBA UMGODI UTHOBELA IZIBOPHELELO ZAWO ZESICWANGCISO SENTLALO NABASEBENZI?

Wakuba ufikelele kwi-SLP yomgodi kumzi wenu ungahlalutya ngononophelo isiqulatho sesicwangciso. Inyathelo lokuqala kukufunda sonke isicwangciso ngobunzulu, ubuza imibuzo kwi-SLP yokuhlola iimpazamo kwisiHlomelo D. Oku kuya kukunceda ukufunda nokuba kukho naziphina iingxaki ngoyilo lwe-SLP. Kanjalo ungasebenzisa iitekeni ezimiselweyo kwi-SLP ukubeka iso nokuba inkampani yemigodi iyanikela ngezithembiso zayo. Ungasebenzisa uluhlu, elifana nelo lifumaneka kwisiHlomelo E, ukukunceda ukubeka iso nokurekhoda nokuba umgodi wanelisa iitekeni ezimiselwe kwi-SLP yawo. Ungaqala ngokudwelisa iitekeni ezivela kwi-SLP, ezi tekeni bekulindelwe ukuba zifezekiswe nini, kwanokuthi ingaba umgodi uzifezekisile okanye hayi.

## KWENZEKA NTONI UKUBA UMGODI AWUZIFEZEKISI IZIBOPHELELO ZAWO?

Wakuba uyiqalile inkqubo yokurekhoda ukuthobela komgodi ii-SLP zawo, ungaqaphela ukuba izithembiso ezenziwe ngumgodi aziphunyezwanga. Ungafumana obunye ubungqina ngokucela ufikelelo kwingxelo yonyaka yenkampani. Xa ucinga ukuba umgodi awuthobeli izibophelelo zawo ezisemthethweni, ungasondela kwiSebe laMacebo eziMbiwa (Department of Mineral Resources) ukumangalela inkampani yemigodi. Jonga iziHlomelo F no-G malunga nemizekelo yeencwadi ongazisebenzisa.

Kwiimeko ezininzi, baya kuba khona abasebenzi-migodini kwimizi echaphazelekayo ngumsebenzi womgodi yaye abasebenzi banokoyika ukulahlekelwa yimisebenzi yabo xa bexela izinto zomgodi. Oku kuyavisiseka ngokwenene. UmThetho woKhuselo lweziTyhilelo (Protected Disclosures Act) uthintela iinkampani ekoyikiseni okanye ekusongeleni abasebenzi malunga nokuxela ukuziphatha okuchasene nomthetho. Oku kuquka neengxelo kwi-DMR ukuba inkampani ayifezekisi izithembiso ezikwi-SLP yazo.

Izithembiso zenkampani yemigodi ezenziwa kwisicwangciso sayo sentlalo nabasebenzi siyabophelela ngokusemthethweni. Ukuba umgodi awuthobeli i-SLP, ngako i-DMR ingamisa okanye icime ilungelo labo lokumba umgodi. Nangona kunjalo, ngokuqhelekileyo amathuba okwenzeka koku anqabe kakhulu. Inxenye yale ngxaki yeyokuba i-DMR njengangoku ayinabo abahloli abaneleyo bokubeka iso ukuba yonke imigodi ithobela ii-SLP zayo, enye inxenye yeyokuba akukho nkuthazo ininzi yokwenza oku kubeka iso. Uxinzelelo lwamalungu omzi nabasebenzi lubalulekile njengoko ningabathathi-nxaxheba abanowona mdla mkhulu ekuboneni ukuba imigodi ithobela ii-SLP zayo.

Ngenxa yesi sizathu, uqeqesho lwabahlali bemizi nabasebenzi malunga namalungelo lubaluleke kakhulu. Imibutho emininzi efana ne-Ndifuna Ukwazi ilandele ngempumelelo ukusebenza kukarhulumente yaye usebenzise olu lwazi njengesixhobo sokubanyanzelisa ukuphumeza izibophelelo zabo kwimizi. Kukho ithuba lokuba ii-SLP zisetyenziswe ngokufanayo. Ulwazi olongezelelweyo olwaziyo

malunga nee-SLP, uya kubanakho ngakumbi ukuqwalasela nokurekhoda nokuba iinkampani zemigodi ziphumeza izithembiso zazo. Unganakho ke ukucela umngeni kubo uxhobe ngeenyaniso ezibhaliweyo/ ezirekhodiweyo.

Enye inkuthazo yokuba imigodi ithobele ii-SLP zayo luloyiko lokuba amagama ayo onakale. Isitshixo esiphambili sokulwela ubulungisa bezentlalo semizi nabasebenzi abachatshazelwa yimigodi kukuqaphelisa abasemagunyeni xa umgodi ungaphumezi izithembiso zawo. Wakuba uhlahlele i-SLP wafumanisa ukuba umgodi awuyithobeli, ungathumela umyalezo ongqongqo wokuba iinkampani zemigodi azifezekisi izibophelelo zazo ezisemthethweni.

## ZEZIPHI IZILUNGISO EZINOKUBAKHONA EZIFUMANEKAYO?

### 1 UKUBEKA ISO UKUTHOBELA

Ukuba unesizathu sokukholelwa ukuba umgodi uqhuba imisebenzi ngaphandle kogunyaziso okanye ayithobeli imiqathango yeelayisensi zayo kuquka ii-SLP, ungasondela kwiSebe le-Department of Mineral Resources. Linegunya lokuphanda kwanokunyanzelisa umgodi ukuyeka imisebenzi engekho mthethweni okanye lirhoxise iilayisenzi zawo. Iinkcukacha zoqhagamshelwano zeSebe zingafunyanwa kwisiHlomelo C.

### 2 UMANGALELWANO

Ukuba uyazi ukuba ilungelo lokumba umgodi linikelwe kodwa unqwenela ukuphikisana nesi sigqibo, unokhetho lokusa umgodi enkundleni. Umangalelwano lungaba yinkqubo yexesha elide yaye akukho siqinisekiso sokuba luya kuphumelela. Ukuthatha isigqibo sokuya enkundleni kufuneka sithathwe kuphela emva kokucinga nokuxoxa nomzi ngononophelo. Emva koko ningaya emagqwetheni afana nalawo adweliswe kwisiHlomelo C. Umthetho wethu uvumela iindlela zokhetho eziliqela ukuze usebenzise amalungelo akho ukuba umgodi ube neempembelelo ezimbi nezingamkelekiyo kwimekobume esingqongileyo. Le nkqubo idla ngokuqala ngokufaka isibheno kuMphathiswa waMacebo eziMbiwa, weMicimbi yezokuSingqongileyo okanye wezaManzi noGutyulo ngokuxhomekeke kwimo yesikhalazo sakho. Kubalulekile ukufaka isibheno kwithuba lamaxesha achanekileyo. Ukuba uMphathiswa ofanelekileyo uyasikhaba isibheno sakho, ngako ke ungaya kwiNkundla ePhakamileyo apho ijaji iya kuhlola isigqibo yaye inokuyalela uMphathiswa ukucinga ngesigqibo kwakhona.

Kananjalo kunokwenzeka ukufaka isimangalo solwaphulomthetho ngokuchasene nomgodi okanye abaphathi benkampani yomgodi. Kukho iqela lezenzo zolwaphulomthetho zokusingqongileyo eziquka ukumba imigodi ngaphandle kweemvume ezichanekileyo okanye iilayisensi, okanye ukumba umgodi ngaphandle kommandla welungelo lokumba umgodi. Kananjalo kunokuba lityala lolwaphulomthetho ukungathobeli imiqathango ye-SLP. Ukuba kukho ungcoliseko olungamandla lomhlaba wakho, amanzi okanye umoya, kunokwenzeka ukuba umgodi usebenza kummandla ngokungekho mthethweni.

Olunye ukhetho olufumanekayo kukufaka ibango lezentlalo. Ukuba ubandezeleke ngokomzimba okanye okunye ukwenzakala yaye ungabonisa ukuba oku kuvela kungcoliseko oludalwa ngumgodi, ungabanga iimonakalo ngokuchasene nomgodi. Kubalulekile ukuqaphela ukuba la mabango angaphumelela kuphela ukuba ungabonisa ukuba uvelelwe yingozi, ukuba umgodi usebenze ngokuphosakeleyo, kwanokuthi ukwenzakala okufumeneyo kube sisiphumo seli nyathelo eliphosakeleyo. Uya kudinga uncedo lwengcali ukubonisa inkundla ukuba le ngozi idalwe ngumgodi.

# ISIGQIBO

Njengoko sibonile, umthetho ngoku ufuna iinkampani zemigodi ziphuhlise izicwangciso zentlalo nabasebenzi ukuba yinzuzo kwimizi njengenxenye yesicelo nasiphi samalungelo okumba umgodi. Nangona kukho le mithetho esebenzayo, inkqubo ye-SLP isilele kakhulu ekuphumezeni izithembiso zayo. Uninzi lwemizi efumene iimpembelelo zemigodi zibe zezimbi kuphela kwimekobume yayo eyingqongileyo, yaye ayifumananga naziphina iinzuzo. Izikhalo zemizi yemigodi nabasebenzi zidla ngokungakhathalelwa apho bekulindelwe ukuba zibe zezingundoqo kwinkqubo ye-SLP ukuze isebenze kakuhle.

Injongo yesi siXhobo sokuSebenza (i-Toolkit) kukunika amalungu omzi nabasebenzi bomgodi ulwazi oluthile olusebenzayo lwendlela esebenza ngayo inkqubo ye-SLP, kwakunye namanyathelo athile okulandelwa ukuqinisekisa ukuba bayabandakanyeka yaye bayazuza kwinkqubo. Kumaphepha alandelayo, uya kufumana imizekelo ethile yemiyilo okanye yeemeko onokudibana nazo xa ujongene nemigodi kummandla wakho. Emva koko, uya kubona iziHlomelo ezintandathu ekubhekiswa kuzo kwisiXhobo sokuSebenza (kwi-Toolkit).

